



UVavanyo IweMpembelelo kokusiNgqongileyo (DEA Reference: Idami lamanzi: 14/12/16/3/3/2/677, Umbane: 14/12/16/3/3/2/678, ne limigaqo: 14/12/16/3/3/1/1169)  
kulwakhiwo olukhoyo leSebe Lemicimbi Yamanzi  
IProjekthi Yamanzi yaseMzimvubu

## UXWEBHU OLUQUELETHE ULWAZI LWANGAPHAMBILI (BID)

Isimemo sokubhalisa kunye nokungenisa izimvo, 23 April 2014 - Uxwebhu Lukuqala lokuba kungeniswe izimvo

### INJONGO YOLU XWEBHU

Injongo yolu xwebhu kukunika amaqela achaphazelekayo ithuba lokuba abhalise njengamaqela anomdla nabandakanyekayo (I&APs) kuVavanyo Lwempembelelo KokusiNgqongileyo (EIA) kwanokufumana izimvo zawo zokuqala kwaneziphakamiso zawo ngokuphathelele kwiProjekthi Yamanzi yaseMzimvubu ecetywayo nekwindawo Elidama Lamanzi Emvula kuMlambo waseTsitsa, kwiPhondo laseMpuma Koloni.

Amaqela anomdla nabandakanyekayo angabhalisa ngokuthi agcwalise ifomu yokubhalisa ehamba nolu xwebhu, ngokubhalo ileta, ngokutsala umnxeba, ngokuthumela ifeksi okanye i-imeyile ku-ILISO aze acele ukuba afakwe kuluhlu Iwababhalisileyo. Onke amaxwebhu aya kufumaneka ukuze akwazi ukuphicothwa ajongisiswe kwindawo yasekuhlaleni okanye afumaneka kwiwebhusayithi ([at http://www.dwaf.gov.za/projects.aspx](http://www.dwaf.gov.za/projects.aspx)). Amaqela achaphazelekayo aya kwaziswa xa sele efumaneka amaxwebhu kwanendawo afumaneka kuyo ukwenzela abo bafuna ukungenisa izimvo.

### IQela Eliquuzela Ukuthatha Inxaxheba koLuntu

Kim Dalhuijsen okanye uJoseph Masilela

ILISO Consulting (Pty) Ltd  
PO Box 68735,

Highveld,  
Centurion  
0169



Umnxeba: (012) 685 0900

Ifeksi: (012) 665 1886

I-imeyile: [Kim.d@iliso.com](mailto:Kim.d@iliso.com)

[Joseph.m@iliso.com](mailto:Joseph.m@iliso.com)

### ULWAZI LWANGAPHAMBILI NGOKUNXULUMENE NEPROJEKTHI

UMLambo uMzimvubu ngowona umkhulu onguvimba wamanzi engaphuhliswanga ngokupheleleyo eMzantsi Afrika kwaye iinzuzo ezinokuthi zifumanekе ngokusetyenziswa kwalо mlambo zinokuthi zibe lunchedo kwilizwe ngokubanzi.

Idama lamanzi emvula kuMlambo uMzimvubu kwiPhondo laseMpuma Koloni eMzantsi Afrika lingaphakathi kwenye yezona ndawo zihluphekileyo kwakunye neyona mimandla ingaphuhliswanga emzantsi Afrika. Ngoko ke uphuhliso lwale ndawo ukuze kukhawuleziswe inkqubo yokuphakamisa umgangatho wemeko yezentlalo nezoqoqosho kabantu bakhona lwathi lachongwa njengelinye lamaphulo abalulekileyo naphambili kuRhulumente wePhondo laseMpuma Koloni.

Ulawulo kunye nokusetyenziswa kwezibonelelo zamanzi oMlambo uMzimvubu, nekuphela kowona mlambo mkhulu elizweni ongasetyenziswa ngokupheleleyo, kubonwa nguRhulumente njengokunikezela ngelinje lawona mathuba angcono kwiPhondo ukuphumeza olo phuhliso. Ngoko ke iSebe leMicimbi Yamanzi (DWA) liqalise le Projekthi Yamanzi yaseMzimvubu ngenjongo yokuphuhlisa isibonelelo sovimba wamanzi esinamadama aneenjongo ezimbini ukuze kuzuze iindawo zokuhlala ezilapho kulo ndawo kwanokuvuselela uqoqosho lwalo mmandla, ngokuphathelele kunikezelo ngamanzi ezindlini, unkcenkceshelo, kwakunye noveliso lombane ngamandla emvula, phakathi kwezinye izinto.


Kwaqala kwenziwa uphononongo lokuqala, kwaze ngo-Agasti 2013 isiza saseNtabelanga kuMlambo iTsitsa saqinisekisa njengesona singcono nesilungileyo ngokubhekiselele kunikezelo ngamanzi ezindlini kune nonkcenkceshelo, kwakunye nesilungileyo ngokuphathelele kupuhliso lommandla lo. Kananjalo olu phononongo Iwabonisa ukuba ukuphumelela kweprojekthi kuya kuba ngcono kakhulu xa isungulwe ndawonye nesibonelelo soveliso lombane ngamandla emvula, nenethuba eliphezulu lokuphucula impumelelo yeprojekthi ngokwezoqoqosho. Idama elikwisiza saseLaleni, esasichongwe ngexesha elingaphambili yinkampani yakwa-Eskom, nalo elikuMlambo iTsitsa, emantla kwiiNgxangxasi zaseTsitsa, labonwa njengelona liya kululungela uveliso lombane ngamandla emvula.

Uphando olubanzi ngokunxulumene nocwangciso ngokuphathelele kwisiza saseNtabelanga nesaseLaleni (**Umboniso 1**) sele lugqityiwe, ngaphandle kokugqityezelwa koveliso lombane ngamandla emvula okusaqhubekayo. Inkqubo yoVavanyo IweMpembelelo kokusiNgqongileyo (EIA) akukudalanga iqaliwe kwaye kulindeleke ukuba igqitywe ekuqalekeni kuka-2015. Kuza kudingeka iSigunyaziso Ngokusingqongileyo kulwakhiwo olukhoyo olwahlukeneyo lwale projekthi, kuquka amadama, iindonga ezilawula amanzi emilanjeni, ukuphuculwa nokumiswa ngokutsha kweendlela, imibhobho yonikezelelo Iwamanzi asezindlini kune namachibi, imibhobho yamanzi angalungiswanga, iindawo zokumpompa amanzi, indawo yoveliso lombane ngamandla emvula, iMisebenzi Yokucoca Amanzi, iMisebenzi Yokucoca Inkunkuma Emanzini neentambo zombane.

ENVIRONMENTAL IMPACT ASSESSMENT  
FOR THE INFRASTRUCTURE  
COMPONENTS OF THE MZIBUBU WATER  
PROJECT

NTABELANGA CONJUNCTIVE SCHEME


**LOCALITY MAP**



**water affairs**  
Department of Water Affairs  
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

DATE: 3 APRIL 2014

SYSTEM: HARTBEESHOEK94  
MAP BY: NDOMUPEI DHEMBA



Umoniso 1 – Ubonisa indawo enedama iNtabelanga, idama iLaleni kune nemihlaba enkcenkceshelwayo aza kunikezelwa kuyo amazi edami eli.

## INKCAELO NGENDAWO YEPREJEKTHI

Idama Lamanzi Emvula kuMlambo iTsitsa likwiPhondo laseMpuma Koloni eMzantsi Afrika.

Umda weprojekthi uthatha iMimandla yooMasipala emithathu eyile, uMmandla kaMasipala i-Joe Gqabi oya ngasemntlantshona, uMmandla kaMasipala i-OR Tambo oya ngasemazantsi-ntshona kunye noMmandla kaMasipala i-Alfred Nzo osempuma nasemntla-mpuma. IDama laseNtabelanga kucetywa ukuba linikezele ngamanzi okuselwa kubantu abamalunga ne-539 000, nabaza konyuka babe yi-726 000 ngonyaka ka-2050. Inxene enkulu yezibonelelo zonikezelokwakunye neendawo ezincinci ezingaphantsi koMmandla kaMasipala i-Alfred Nzo.

Ngaphezu koko, uphononongo olwenziwego luchonge iihektare eziyi-2 868 zomhlaba ongalulungela kakhulu ulimo olunkcenkceshelwayo (**Umboniso 1**). Malunga nehekture eziyi-2 450 zomhlaba zikwindawo yakuTsolo zize ezinye zibe kufutshane nedama kwanangasemlanjeni. Umhlaba wolimo uza kunikezelwa kunye namanzi angacocwanga ampontshwa ukusuka kwiDama laseNtabelanga kuze kwezinye iindawo amanzi ampontshwe ngemibhobho ukusuka kwindawo yotsalo kumlambo okufutshane kuMlambo iTsitsa, emazantsi kwedama.



FUmboniso 2– iifoto ezithathiwego zeziza ezicetywayo ngoMatshi 2014 a) isiza esicetywayo seDama iNtabelanga; b) indawo yodonga ecetywayo yeDama iLalen; kanye c) neeNgxangxasi zaseTsitsa.

## INJONGO YEPREJEKTHI

IProjekthi Yamanzi yaseMzimvubu yiProjekthi Ehlangeneyo yeQhinga-nkqubo (iprojekthi i-SIP3). Eyona njongo iphambili yeProjekthi kukuphucula umgangatho wezentlalo noqoqosho kwiindawo zokuhlala ezingaphuhliswanga nezihluphekayo kwingingai yoMlambo uMzimvubu.

Ukuphuculwa komgangatho wezentlalo noqoqosho kulindeleke ukuba kuphunyezwe ngezi ndlela zilandelayo:

- Izibonelelo zonikezelokwimfuno zamanzi asezindlini nakwiindawo zoshishino;
- Izibonelelo zonikezelozolimo lonkencenkeshelo;
- Uveliso lombane ngamandla emvula;
- Ukwakhiwa kwemisebenzi yethutyana nesisigxina; kanye
- Nokuqinisekiswa kweenzuso.



## UVELISO LOMBANE NGAMANDLA EMVULA

Omabini amaDama, elaseNtabelanga nelaseLaleni, azakuba nendawo zoveliso lombane. Esona sibonelelo sikhulu soveliso lombane ngamandla emvula siza kwakhiwa kwiDama iLaleni. Umbane oveliswa zezi zibonelelo uza kufakwa kwigridi kwazwelonke.

## **Yintoni uVavanyo IweMpembelelo kokusiNgqongileyo?**

UVavanyo IweMpembelelo kokusiNgqongileyo yindlela elungileyo yokucwangcisa kwanokwenza iziggibo. Lukhangela iziphumo ezingezihlanga kwakunye nezihle ezinokuthi zibekho ngokunxulumene neprojekthi ecetywayo okanye upuhliso oluthile kwakwinqanaba elisekuqaleni, luze lwenze iingcebiso malunga neendlela zokuphucula impembelelo efanelekileyo nelungileyo ngelixa kuthintelwa, kusehliswa okanye kunqandwa impembelelo engamkelekanga nengentlanga. Kananjalo iziphumo zoVavanyo IweMpembelelo kokusiNgqongileyo ziza kukhokhelela ekubeni kukwazi ukwensiwa olunye uphando kwanezigqibo ezinxulumene nezobugcisa. UVavanyo IweMpembelelo kokusiNgqongileyo lwenziwa ngokusekelwe kwicandelo 24C loMthetho woLawulo lokusiNgqongileyo kaZwelonke (NEMA), uMthetho onguNombolo 107 ka-1998.

Ukuthatha inxaxheba koluntu ngumba obalulekileyo kulo naluphi na uVavanyo IweMpembelelo kokusiNgqongileyo, ngenjongo yokuncedisa amaqela achaphazelekayo ukuba akwazi ukuphakamisa imiba ewaxhalabisayo, angenise iingcebiso ukuphucula iinzuzo kwanokuvakalisa izimvo zaho ngokunxulumene neziphumo zoVavanyo IweMpembelelo kokusiNgqongileyo. INkubo Yokuthatha Inxaxheba koLuntu yensiwe ngendlela yokuba inikezele ngolwazi futhi iqinisekise ukufumaneka kwalo kumaQela Anomdla Nabandakanyekayo (I&APs) ngendlela engakhethi cala, ukuwanceda ukuba akwazi:

- Ukuphakamisa imiba ewaxhalabisayo kwanokwenza iingcebiso ngezinye iindlela zokwenza izinto kwaneenzuzo ezingcono;
- Ukwenza igalelo kulwazi lwasekuhlaleni;
- Ukuqinisekisa ukuba imiba ishicilewe ngendlela eyiyo na kwaye yaqwalaselwa xa kusensiwa uphando lezobugcisa; kune
- Nokuvakalisa izimvo ngokuphathelele kwiziphumo zoVavanyo IweMpembelelo kokusiNgqongileyo.

Ngaphezu koko, iMimiselo yoVavanyo IweMpembelelo kokusiNgqongileyo idinga ukuba kuqulunqwe iNkubo yoLawulo lokusiNgqongileyo (EMP) ukuze kukwazi ukuchazwa ukwensiwa nokuphunyeza kweengcebiso zokukhusela kokusingqongileyo ezenziwe ngelixa loVavanyo IweMpembelelo kokusiNgqongileyo, ukulungiselela isigaba sokwakha kune nesokusebenza. Imimiselo yeNkubo yoLawulo lokusiNgqongileyo iza kuba yebophelelayo ngokwasemthethweni kwiSebe Lemicimbi Yamanzi kwakunye neeKhontraktha zalo.

## **Inkubo yoVavanyo IweMpembelelo kokusiNgqongileyo. Iquka ntoni?**

ISebe Lemicimbi Yamanzi, uRhulumente wePhondo, amanye amagunya awohlukeny, iingcaphephe zezobugcisa nezokusingqongileyo kwakunye namaqela achaphazelekayo bonke baya kusebenza ndawonye kwinkqubo yoVavanyo IweMpembelelo kokusiNgqongileyo. UVavanyo IweMpembelelo kokusiNgqongileyo luquka izigaba ezibini, iSigaba Sokuhlela Umsebenzi kune neSigaba soVavanyo IweMpembelelo kokusiNgqongileyo. Ezi zigaba ziza kuquka:

- Ukubonisana kwasekuqaleni kune namaqela achaphazelekayo abanzi nawohlukeny, abanikazi bomhlaba kwakunye nabahlali abakummandla weziza zamadama kune nezakhiwo ngezibonelelo zolonikezelohambiso Iwamanzi amaninzi;
- Ukubonisana ngezobugcisa kune neengcaphephe kwindawo leyo;
- Ukubonisana kune nabasemagunyeni kwiphondo, ekuhlaleni nasebukhosini malunga namaqhinga-nkubo ocwangciso nophuhliso oluhlangeneyo;
- Uvavanyo olwensiwa ziingcaphephe ezahlukeny kwiSigaba soVavanyo IweMpembelelo ukukhangela nokuvavanya ifuthe engathi ibenalo iprekthi le;
- Izimvo zabasemagunyeni kwanezo zamaqela achaphazelekayo kwsigaba ngasinye senkqubo yoVavanyo IweMpembelelo kokusiNgqongileyo; kune
- Nokuthathwa kwanokwensiwa kwezigqibo ngabasemagunyeni.

## **IINDAWO ZEMBOLEKO**

Ngokwemimiselo yoMthetho Wophuhliso Lwezibonelelo zeziMbiwa nePetroliyam, ka-2002 (uMthetho onguNombolo 28 ka-2002) (MPRDA), njengoko ulungisiwe, kwakunye neMimiselo Yophuhliso Lwezibonelelo zeziMbiwa nePetroliyam ekwisaziso sikarhulumente esingunombolo GNR 527 somhla we-23 ku-Epreli 2004, iSebe Lemicimbi Yamanzi (DWA), ngenxa yesaziso sikarhulumente esingunombolo GNR . 762 somhla we-25 kuJuni 2004, alizidangi iinkubo zofako Iwesicelo kwakunye nokwamkelwa kwamalungelo okanye iimvume ngokwamacandelo u-16, 20, 22, kune no-27 oMthetho i-MPRDA. Nangona kunjalo ke kodwa, ngokwecandelo 106(2) loMthetho i-MPRDA, iSebe Lemicimbi Yamanzi kudingeka ukuba liqulunqe iNkubo yoLawulo lokusiNgqongileyo (EMP) ukuze yamkelwe ngokwemimiselo yecandelo 39 (4) lalo Mthetho.

## ISICELO SEMVUME YOKUSETYENZISWA KWAMANZI (WULA)

Ngaxeshanye ngethuba lophando loVavanyo IweMpembelelo kokusiNgqongileyo kwenzeka inkqubo yokufumana imvume yokusetyenziswa kwamanzi. Iprojekthi le ithi ikhokhelele ekuqaleni kwemisebenzi ethile ngokwecandelo 21 loMthetho kaZwelonke Wamanzi (NWA) uMthetho onguNombolo 36 ka-1998; (a) ukuthathwa kwamanzi emlanjeni; (b) ukugcinwa kwamanzi; (c) ukuphazamisa okanye ukujika indlela yokuhamba kwamanzi emlanjeni; (i) ukutshintsha isiseko, iindonga, umjelo okanye naziphi na iimpawu zomlambo. Kananjalo indawo ecetywayo yokucocwa kwamanzi iya kukhokhelela (f) ekukhutshweni kwenkunkuma okanye amanzi anenkunkuma aye kuvimba wamanzi ngombhobho, imijelo, imijelo engaphantsi komhlaba ehambisa amanzi amdaka, okanye enye indlela yohambiso. Kunye Necandelo 21 (g) ukulahlwa kwenkunkuma ngendlela enokuthi ibe negalelo elingelihlanga kwindawo yamanzi.

## INKQUBO YOKUTHATHWA KWENXAXHEBA LULUNTU

Inkqubo yokuthathwa kwenxaxheba luluntu iza kuqhutywa yi-ILISO Consulting (Pty) Ltd ngokweSahluko sesi-6 seMimiselo ye-EIA, ka-2010, njengoko ilungisiwe.

Ukuqinisekisa ukuba izinto ezikuxhalabisayo ziqaqwalaselwa ngexesha lenkqubo loVavanyo IweMpembelelo kokusiNgqongileyo uyamenya ukuba ubhalise njengeQela Elinomdlia Nelibandakanyekayo (I&AP) ngokuthi ugcwalise le fomu yokubhalisa ihamba nolu xwebhu uze uyingenise kuNkoszn Kim Dalhuijsen (iinkukacha zinikeziwe apha ngezantsi) zingekapheli iintsuku ezili-14 emva kokuba ulufumene olu Xwebhu Luqulethe Ulwazi Lwangaphambili (BID). Izaziso malunga neentlanganiso kwakunye namaxwebhu akhoyo ekumele kungeniswe izimvo ngawo aza kuthunyelwa kuwo onke amaQela anomdlia, nabandakanyekayo nabhalisileyo.

Njengenxalenyen yenkqubo yoVavanyo IweMpembelelo kokusiNgqongileyo enezigaba ezibini, kuza kuqulunqwa iNgxelo Yokuhlela Umsebenzi ize ifumanekuwo onke amaQela Anomdlia Nabandakanyekayo ngexesha lokungeniswa kwezimvo luluntu. Yonke imiba ephakanyisiwego kwakunye nezimvo ezingenisiwego ngeli xesha lokuthathwa kwenxaxheba luluntu iza kushicilelwka kwiNgxelo Yemiba Neempendulo (IRR) ize ifakwe ibe yinxalenyen yeNgxelo Yokuhlela Umsebenzi yokuggibela eza kungeniswa kwiSebe Lemicimbi Yokusingqongileyo (DEA) ukuze yamkelwe ize ifumanekuwo ngexesha elongezelelwego lokungeniswa kwezimvo zoluntu.

### IINKCUKACHA ZONXIBELELWANO



**203 Witch-hazel Avenue, Highveld Technopark, Centurion 0169  
PO Box 68735, Highveld, Centurion, 0159**

**Kim Dalhuijsen**

**Umnxeba: 012 685 0900**

**Ifeksi: (012) 665 1886**

**I-imeyile: Kim.d@iliso.com**

**Mnu Joseph Masilela**

**Umnxeba: (012) 685 0900**

**Ifeksi: (012) 665 1886**

**I-imeyile: joseph.m@iliso.com**

**ISICELO SOKUGUNYAZIZWA KOKUSINGQONGILEYO  
SOLWAKHIWO OLUKHOYO SEPROJEKTHI YAMANZI YASEMZIMVUBU ECETYWAYO**

**UXWEBHU OLUQUELETHE ULWAZI LWANGAPHAMBILI**

DEA Reference- Idami lamanzi: 14/12/16/3/3/2/677, Umbane: 14/12/16/3/3/2/678, ne limigaqo:  
**14/12/16/3/3/1/1169**

**Nceda ugcwalise uze uyibuyisele ku-Kim Dalhuijsen okanye ku-Joseph Masilela e-ILISO Consulting (Pty) Ltd**

ILISO Consulting (Pty) Ltd  
PO Box 68735  
Highveld  
0169

Tel: (012) 685 0900  
Fax: 012 665 1886  
E-mail: kim.d@iliso.com  
Joseph.m@iliso.com

Isibuliso		Igama Lokuqala	
Oonobumba Bamagama		Ifani	
Inkampani			
Idilesi yePosi		Ikhowudi yePosi	
Idilesi Yesitalato			
Inombolo Yomnxeba		Inombolo Yefeksi	
Inombolo Yeselula			
I-meyle			

Izimvo: (Ungasebenzisa elinye iphepha xa kukho imfuneko)

Sicela uchaze ukubandakanyeka kwakho kule projekthi (ukutsho oko, Ungumnikazi-mhlaba Ochaphazelekayo, iiKhontraktha ezikhangela ithuba lomsebenzi, njalo njalo)

.....  
.....  
.....

Le miba ilandelayo kumele iqwalaselwe ngelixa lolu Vavanyo Lwempembelelo KokusiNgqongileyo.

.....  
.....  
.....

Sicela ufake lo/aba mntu/bantu kuluhlu lwakho lokuthunyelelwa iposi.

.....  
.....  
.....

**Siyabulela kakhulu ngokuthatha kwakho inxaxheba!**